Isalathiso: 20201123-9765
Inombolo yefayili: 13/1/1
Imibuzo: ABaququzeleli boVavanyo beSithili

ISetyhula: 0051/2020
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko kwi-*General Education and Training* (*GET*) *band*

Isishwankathelo esifutshane: *Inkqubo yomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa ukwenzelwa abafundi bamaBakala 4-9 ngo-2020*

Isihloko: Inkqubo yomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa ukwenzela abafundi bamaBakala 4-9 ngo-2020

1. ISebe leMfundo esiSiseko linike iSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) iSetyhula yoVavanyo kaZwelonke (*National Assessment Circular*) 07 ka-2020, yomhla we-19 Novemba 2020, enika inkcazo ngokusetyenziswa kwenkqubo yomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa kumaBakala 4–9 ngo-2020.

2. Izikolo kufuneka zifunde le setyhula kunye neSetyhula 0018/2020 yeSebe i-*WCED*, yomhla we-03 Agasti 2020 neNgcaciso eMfutshane yoLawulo lweKharityhulam noVavanyo 0006/2020, yomhla we-14 Oktobha 2020.

3. Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya nokunyuselwa kwabafundi kusetyenziswa njengomnyinyiva oyimvume eyodwa ukulungiselela ukugcinwa kwamanani abafundi aphezulu okulindelekileyo kunyaka wokufunda. Ngenxa yophazamiseko ngubhubhane i-*COVID*-19 nokuphulukana nexesha lokufunda okwehlele abafundi ngo-2020, kuya kusetyenziswa iminyinyiva eyodwa yokunyuselwa kwabafundi ukwenzela abafundi bamaBakala 4-9.

4. Inkqubo yomnyinyiva owodwa wokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya nokunyuswa kwamanqaku eMathematika isekelwe kwiimfuno ezimiselweyo zango-2019 ngokweNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0016/2019, yomhla we-06 Novemba 2019, efakelwe ezi izilungiso zilandelayo:

4.1 Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya nokunyuswa kwamanqaku eMathematika kusebenza kumaBakala 4-9.

4.2 Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya okungadlulanga ku-**5%** makwenziwe **kwizifundo ezithathu** ezona zininzi.

4.3 **Emva koko**, makwenziwe umnyinyiva wokunyuswa kwamanqaku eMathematika. Ukuba umfundi uzifezekisile zonke iimfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba (ukwenzela amaBakala 4-6) okanye ezokupasa (ukwenzela amaBakala 7-9) ukusuka kwelinye ibakala ukuya kwelilandelayo, **ngaphandle kokuba umfundi akamfumananga u-*level* 3 (40%) kwiMathematika** yaye ngako oko kufuneka agcinwe kwakweli bakala akulo, umfundi onjalo kufuneka anyuselwe amanqaku kwiMathematika

4.4 Ukuba abafundi nakuba kunjalo abazifezekisi iimfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba ukwenzela **amaBakala 4-6** emva kokuba kwenziwe ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya kwizifundo ezithathu kunye nokunyuswa kwamanqaku eMathematika, abafundi **basenokudlulela kwesinye isigaba ngenkxaso** esekelwe kwisigqibo esisekelwe kubuchule bomsebenzi wokufundisa senqununu nootitshala abasesikolweni.

5. Kwimeko yabafundi beBakala 9 bango-2020, makuqatshelwe ukuba abafundi abangawafumananga amanqaku angu-30% ubuncinane kwiMathematika (emva kokuba kuvunyiwe ukunyuselwa kwabo), basenokukhetha ukufunda i-*Mathematics* okanye i-*Mathematical Literacy* kwiBakala 10.

6. ISetyhula yeSebe i-*WCED* 0044/2020, yomhla we-18 Novemba 2020, inika ingcaciso yokujongana nabafundi abangakhange bahambe isikolo ukususela ngowe-01 Juni 2020. Bonke abafundi abangakhange bakhutshwe ezincwadini zesikolo sisikolo nabahleli bekhona kwisistim ye-*CEMIS*, mabanikwe ingxelo yeziphumo. Kwimeko yokungabikho kwabafundi kuvavanyo olumiselweyo, makufakwe isizathu nokuba sesokungabikho okusemthethweni okanye okungekhomthethweni, ukwenzela umsebenzi wovavanyo. Ukungabikho okusemthethweni kuya kuba nesiphumo sokubalwa kwakhona kwamanqaku okugqibela, njengokuba ukungabikho okungekho mthethweni kuya kuba nesiphumo sokunikwa uziro kumsebenzi wovavanyo olumiselweyo ongenziwanga.

7. Imigqaliselo yokudlulela kwesinye isigaba eqhelekileyo iya kusetyenziswa ngokumalunga nabafundi abebesele begcinwe kwisigaba.

8. Izikolo ezisebenzisa iiprogram zokurekhoda nokwenza iripoti zeSebe i-*WCED* ukwenzela amaBakala 4-9, mazilandele le nkqubo icaciswe ngezantsi:

8.1 Izikolo kuya kufuneka zikhuphele (*download) iiprogram ii-**Version 3** programmes* kwi-*CEMIS* ukwenzela amaBakala 4-9 ukususela kwiveki yokuqala kuDisemba 2020 kwaye emva koko zithathe amanqaku kwiifayili zazo ezisele zikho ziwafake kwi-*version* entsha.

8.2 Zombini iinkqubo eyokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya neyokunyuselwa kwabafundi ziya kwenziwa yikhompyutha ngokupheleleyo xa kuklikhwe i-*purple button* kwishedyuli.

8.3 Ishedyuli, i-*verification page* ne-*report card* ziya kubonakalisa utshintsho olwenziwa yikhompyutha.

9. Izikolo ezisebenzisa iiprogram zazo zokurekhoda nokwenza iiripoti nezinabafundi abaya kuchatshazelwa yiminyinyiva yokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa, maziyenze le nkqubo njengoko icacisiwe kwiSetyhula yoVavanyo lukaZwelonke 07 ka-2020 (**IsiHlomelo A**) eqhotyoshelweyo, ekupheleni konyaka.

10. Iishedyuli, ii-*adjustment and repeat* (NRP*) lists*, ne-*verification page* maziprintwe kwaye zinikwe umphathi wesekethe ukwenzela ukuba azingqinisise ekupheleni konyaka.

11. Le nkqubo yomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa ingasentla ayifanele, nangayiphi na indlela ukuzitshintsha iimfuno ezimiselweyo zeprogram yesifundo okanye iimfuno ezimiselweyo zizonke zokudlulela kwesinye isigaba/zokupasa, ukwenzela amaBakala 4-9.

12. Kucelwa kuqatshelwe ukuba le nkqubo yomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa nokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya isebenza ngo-2020 ukwenzela amaBakala 4-9.

13. Kucelwa iinqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 4-9 ukuba zazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke ootitshala.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-12-04